

Season of Creation

IsiXhosa

UMTHANDAZO WOMBULELO WEXESHA LENDALO

INkosi mayibe nani
Ibe nawe kanjalo

Phakamisani iintliziyo zenu
Siyaziphakamisela eNkosini

Masibulele eNkosini, uThixo wethu wendalo yonke
Kufanelekile ukumbulela nokumbonga

Wathetha ngeZwi kwaza konke okusezulwini nasemhlabeni, zonke izinto zabakho. UMoya wakho wafukama phezu kwezinto zokuqala, waza wazisa tanci ubomi ngeemilo ezingenakubaleka, uquka nalo Mhlaba wethu u-ethe-ethe, nathi siphakathi kwabemi balo. Nanjengoko ikamva lethu likuwe, nethemba lethu lexesha elizayo lixhomekeke kuwe. Nanjengoko sithe asaguqukela kwiindlela zakho, siyaphinda kwakhona siguqukela kubushushu bothando lwakho. Zonke izinto zibuyela kubomi obutsha ngawe.

Ngoku siyakubulela ngozuko lwendalo yakho oyinikele elugcinweni lwethu, nangethuba esabelana ngalo obo butyebi nabantu bakho bonke.

Ngako oko ngemimmangaliso yendalo neengoma zokudumisa zendalo yakho yonke emazulwini nasemhlabeni, siyakudumisa ngoku kude kuse ephakadeni sisithi ***:***

UyiNgcwele, uyiNgcwele...

Ngobo busuku awanikelwa ngabo, wathabatha isonka, esingumsebenzi wezandla zabantu, isipho somhlaba wethu, waza wabulela kuBawo. Wasiqhekeza isonka esixelela ngokwaphuka komzimba wakhe emnqamlezweni. Wasinika abahlobo bakhe esithi: thabathani nidle, lo ngumzimba wam onikelwe nina. Oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Wathabatha indebe, umsebenzi wezandla zabantu, isipho somhlaba wethu, wabulela kuBawo, onguMdali wethu. Wayigalela iwayini esixelela ngokuphalala kwegazi lakhe. Wayinikela kubahlobo bakhe esithi: eli ligazi lam lomnqophiso omtsha, elaphalalela nina nendalo yonke khonukuze nixolelwe izono zenu. Ngalo lonke ixesha usela iwayini, kwenze oku kube sisikhumbuzo ngam. Ngoko ke sivakalisa imfihlelo yokholo

UKrestu ufile
UKrestu uvukile
UKrestu uya kubuya eze.

Ngoko ke Bawo, thina sifuna uxolelaniso; sifuna uxolelaniso nabanye; thina sithembe uxolelaniso nendalo yonke, sondela kufutshane kule mfihlakalo. Ngokwaphuka, ukuphalala nokungcwatywa, ubomi baphinda bavela kwakhona. Ngokwaphuka kukho ukuvuleka, ngokuphalala, kukho iingcambu zokwabelana, ngokufa nokungcwatywa, kukho imbewu ezayo yobomi obutsha.

Nanjengoko sikhangele kwilizwe lethu, ebomini bethu, nasezintliziyweni zethu sijonge ukubuya kwakhe kwesibini, sigcine kufuphi nalo mbono esiwubonileyo. Ngokufumana isonka newayini,

sixolelanise nelizwe lethu usiphe ubunye nomanyano oluphalalayo nokungcwatywa okuvukileyo esinokububuyisela kuyo indalo yakho khonukuze kuzalisekiswe intando yakho

Thumela kuthi, nakwindalo yakho yonke, ubomi obunoMoya owaqala wajikelelza phezu kweenzulu zamanzi. Hlalisa kuthi isiphiwo ukhulule intshabalalo. Sihlanganise nawe ngomzimba negazi loNyana wakho, nanjengoko iLizwi lakho ladala inyama.

Ngaye, sinaye, sikuye kubunye boMoya wakho wendalo, kuko konke ebekukhona, kusaya kuba khona kwindalo yonke, sima phambi kwakho sikunqula, Thixo wezinto zonke, ngeengoma ezidumisayo ngonaphakade.

Intsikelelo, imbeko nozuko namandla ngawakho ngonaphakade kanaphakade. Amen.

IVEKI YOKUQALA:IINTLOBO NGEENTLOBO ZEZILWANYANA

Le nkonzo ingenziwa nangomhla we Oct 4th- St Francis
Ngexesha loMthendeleko, kungadlalwa umculo onesandi somculo weentaka, oko kube ngumqondiso wokuba sinqula nazo zonke izinto zeNdalo.

Abantwana: Abantwana bangazoba imifanekiso yezilwanyana nezityalo baze bazizise eSibingelelweni.

Isivakalisi Sokuvula: “Yonke into edalwe nguThixo ilungile, ingcwalisiwe lilizwi likaThixo nomthandazo” (1 Tim 4:4,5)

Inguquko: siyavuma ukuba siyitshabalalisile iNdalo kaThixo nezinye izinto ezingasekhoyo.

Amaculo: sibulela ngezinto ezingummangaliso zendalo kaThixo, izilwanyana, izityalo nazo zonke izinto ezadalwa nguThixo.

Umthandazo walo mhla

Thixo onguMdali
Ngothando lwakho oluphuphumayo wadala zonke izinto ngobutyebi obahlukeneyo nangobuhle obukhulu,;
senze ukuba sizixabise zonke izinto ozinikele elugcinweni lwethu
khonukuze sizame ukugcina iintsikelelo zabantu ngamaxesha onke.
ngenxa yeNkosi noMsindisi wethu uYesu Krestu,
uhlala ehleli kunye nawe noMoya oyNgcwele,
uThixo Omnye, ngoku nangonaphakade. **Amen**

Isifundo sokuqala	Job 28: 1 - 11	Cinga ngokubhekiselele kuluhlu lwezinto ezinokufumaneka nezikhoyo kwindalo kunye neentsikelelo zoluntu.
INdumiso	Indumiso 148	Yonke indalo iyahlangana idumise uThixo, asingobantu bodwa abamdumisayo.

Usifundo sesibini	1 Tim 4: 1 – 5	Yonke into eyadalwa nguThixo ilungile. Akukho nto ingacocekanga.
INgoma	Ingoma 6	Ingoma ngeNdalo - APB p 346
IVangeli	Mateyu 6:25 – 33	Isiqinisekiso seNkosi kwiNtshumayelo yase Ntabeni ethi yonke iNdalo ilungile kwaye kufuneka ixatyiswe.

INTSIKELELO

Phumani niye kulo ihlabathi nigcobile,
hlanganani noMdali wenu onilindileyo apho;
gcobani kubutyebi neyantlukwano yelizwe awalifelayo uKrestu khonukuze lisindiswe;
hlalani kumandla oMoya ohlaziya zonke izinto;
nentsikelelo kaThixo uMdali,
uBawo oNgunaphakade, uNyana ovukileyo kunye noMoya oyiNgcwele esithenjiswe ngawo sasikelelwa khonukuze ube yintsikelelo kwabanye namhlanje nangonaphakade. **Amen.**

IVEKI YESIBINI: UMHLABA

Beka iziqhamo nemifuno zijikeleze iSibingelelo.
Sebenzisa isonka esibhakwe lusapho kunye newayini kuMthendeleko oNgcwele.
Kwakugqitywa inkonzo, makucocwe, oko kubonisa ukuba uMhlaba ngoweNkosi

Abantwana – abantwna mabatyale imbewu kwinkonkxa ye yoghurt enomhlaba baze bayikhulise ekhaya.

Isivakalisi sokuvula : UMhlaba ngokaThixo (Psalm 24) LelikaYehova ihlabathi.

Inguquko: gxininisa ekusetyenzisweni kakubi komhlaba, umhlaba utshatyalaliswe ziindlela zokufuya ezingekho mgangathweni kunye nokunyoluka.
Amaculo: abulela ngoMhlaba nakuko konke okukuko.

UMTHANDAZO WALO MHLA

Thixo ongamandla onke
wadala amazulu nomhlaba
nezinto zonke ezikuwo,
waza wabathembisa abantu abakho umhlaba ongowabo
sinike imbeko yezinto zonke ozidalileyo
khonukuze sihloniphe iimfuno nezinto ezilangazelelwa ngabantu bonke, bafumane indawo kwilizwe lakho;
ngenxa kaYesu Krestu iNkosi yethu

ohleliyo elawula kunye noMoya oyiNgcwele, uThixo omnye, ngoku nangonaphakade.
Amen

ILIZWI LIKATHIXO		
ISifundo sokuqala	Genesis 12: 1 – 10	U- Abraham ubizwa nguThixo ukuba ashiye ikhaya lakhe aye kwilizwe athenjiswe lona.
INdumiso	Indumiso126	Uvuyo lwesivuno oluvela kusetyenziso lomhlaba onikwe nguThixo ngendlela eyiyo.
ISifundo sesibini	IZenzo 4: 32 – 37	Isisa sika Barnabas sokuthengisa umhlaba nomnikelo wenzuzo esenzela uluntu. Oku kungumahluko kwibali lika Ananias no Sapphira kwiZenzo 5.
INgoma	INgoma 4	INkosi mayisikelele – INgoma yabaThathu
IVangeli	Marko 4: 26 – 34	Kumzekeliso wakhe uYesu wolatha kwindalo nakwizinto abaphulaphuli bakhe abanokuzibona.

INtsikelelo

Wanga uThixo uBawo anganisikelela,
owaqala watyala imbewu zobomi obungunaphakade ezintliziyweni zenu;
wanga uThixo uNyana anganisikelela
owanikhulisa ngemvula nokhanyiselo lothando olunikhulisayo;
wanga Thixo uMoya oyiNgcwele ozisa bonke ubomi anganisikelela,
Yanga intsikelelo kaThixo oziqu zithathu inganawe khonukuze ube yintsikelelo kwabanye. **Amen**

IVEKI YESITHATHU: AMANZI

Ngexesha lenkonzo sebenzisa iqula, umbuliso noMthandazo wenguquko ungenzelwa kwiqula. Ibandla lingathi xa lidlula kwiqula liziphawule ngamanzi asikelelweyo.
Abantu bayakufefwa ngamanzi ngexesha lentsikelelo yokugqibela.
Ngaphambi koMthendeleko, bakhumbuze ukuba sigalela amanzi kwiwayini, ngako oko kufuneka sikhumbule ukuba amanzi Sisipho esinexabiso esinqabileyo sikaThixo.

Abantwana- bangahombisa iikomityi ezenziwe ngamaphepha bathi “Amanzi siSipho esivela kuThixo”. Baya kuzibophelela ke ngoko ukuba baya kuzivala iitephu xa behlamba amazinyo abo naxa besebenzisa iikomityi.

Isivakalisi Sokuvula :”Umlambo kaThixo ugcwele ngamanzi” (Indumiso 65:9)

Inguquko: yenza ingxelo ngeendlela esiwamosha ngayo amanzi siwangcolise ngenkunkuma kunye nongcoliseko oluvela kwezorhwebo

Amaculo : anomxholo ongamanzi

UMTHANDAZO WALO MHLA

Bawo oneNceba
uNyana wakho ungumthombo wamanzi aphilayo:
yenza ukuba isipho sakhe soMoya oyiNgcwele sisivuselele sonke khonukuze sisixabise isipho sakhe esiluncedo kuthi,
size sifunde ukusisebenzisa ngokugqibeleleyo, khonukuze sisetyenziswe ngabantu bonke,
sisebenzele ukuqinisekisa ukuba siyafumaneka kubo bonke abantu bakho,
ngenxa yeNkosi noMsindisi wethu uYesu Krestu. **Amen**

ISifundo soKuqala	Eksodus dus 17: 1 – 7	Abantu banxaniwe entlango, bakhalaza kuThixo. UMoses ubetha iliwa kuze kuphume amanzi , le ndawo ithiywa igama elithi Massah ne Meribah ibakhumbuza ngombuzo wabo othi, “Ingaba uThixo unathi okanye hayi?”
INdumiso	Indumiso 65: 4 – 13	Amanzi asentliziyweni yokubulela okulungiselelwe umhlaba.
ISifundo sesibini	Isityhilelo 22: 1– 5	Umbono wezulu wamanzi azisa ubomi, ukukhula nokugcina ubomi boluntu. Eyona nto ibalulekileyo kuluntu ngamanzi aya kukhuthaza, agcine ubomi ngokugqibeleleyo. Angaba nongcoliseko ngokulula abangele izifo nokufa.
IVangeli	Yohane 4: 4 – 15	UYesu unikela ngamanzi aphilileyo kumfazi equleni, nanjengoko nathi sifuna amanzi okugcina ubomi boluntu, ngoko ke uhlaziyeko loMoya lubalulekile empilweni yethu nakukholo lwethu.

INtsikelelo
Thixo, ongumthombo wobuhle nokwanda,
thululela intsikelelo yakho kuzo zonke izinto ezidaliweyo,
nakubantwana bakho,
khonukuze ubasebenzisele uzuko lwakho nentlalontle yabantu bonke;
wanga uThixo uYise, owadala amanzi emhlabeni,
noThixo uNyana, onika amanzi aphilileyo kubo bonke abanokuwafumana,
noThixo uMoya oyiNgcwele, ohlala ehlaziya imiphefumlo yethu,
anganisikelela khonukuze nibe yintsikelelo kwabanye, ngoku nangonaphakade. **Amen**
(ibandla lifefwa ngamanzi)

IVEKI YESINE: UTSHINTSHO LWEMOZULU

Beka izigodo ezomileyo neentyantyambo ezomileyo endaweni yeentyatyambo ezintsha,

abantwana: babeka iipowsta ezibonisa indlela abanokonga ngazo umbane okanye ipetroli. Iipowsta ezo zingaziswa ecaweni.

Isivakalisi sokuvula: umhlaba uyoma ubune… umhlaba unongcoliseko ngenxa yabemi bawo. (Isaiah 24:4,5)

Inguquko: yenza ingxelo ngeendlela esiwutshabalalisa ngayo umhlaba kaYehova ngokuthi sisarhe imithi, simoshe kananjalo sisebenzise umbane nefuweli ngokugqithisileyo..

Amaculo: kumxholo wobugosa, sikhathalele okwenziwe nguThixo.

UMthandazo walo mhla

Thixo ongaMandla onke
wadala izulu nomhlaba
nezinto zonke ezikuwo,
wadala umntu ngokomfanekiso wakho,
kwaba kuhle
senze sikhaliphe siqonde ukungaphumeleli kwethu ukugcina indalo yakho
kuze ngenceba yakho senze oko esinako ukukwenza ukunqanda ukuhlazisa ubume bendalo yethu;
ngoYesu Krestu iNkosi yethu
oweza khonukuze sibe nobomi obugqibeleleyo.
Amen

ISifundo soKuqala	Genesis 6:11-14; 7:11-8:4; 9:8-15	UThixo wasindisa usapho olunye eMkhombeni, kodwa wasindisa iindidi zezilwanyana ezingenakubalwa. Ngabo basindayo uThixo wenza umnqophiso wokuba alisokuze liphinde litshatyalaliswe ilizwe
INdumiso	Indumiso 24:1-6	LelikaYehova ihlabathi, ufuna abo bazandla ezicocekileyo neentliziyo ezinyulu babelane ngalo ndalo.
ISifundo seSibini	KwabaseRoma 8: 18 – 27	INdalo iyagcuma yintlungu yokufa, kwaye ilindele ukuba abantwana bakaThixo babonakaliswe. Lixesha lokuba siphakame sithathe inxaxheba ekuphiliseni iNdalo.
INgoma	Ingoma 6	INgoma yeNdalo - APB p 346
IVangeli	Marko 16: 1 - 8	Uvuko lusikhumbuza ukuba kukho ubomi emva kokufa, nethemba emva kwentshabalalo.

INTSIKELELO

Khokhela ngokuthembekileyo ngethemba osindiswe ngalo;
dumisa uYehova ngendalo yonke;
landela uKrestu ezathi zonke izinto zenziwa ngaye;
ngamandla oMoya yiba ngumqondiso wethemba elizweni;
mayithi intsikelelo kaThixo uMdali,
uBawo onguNaphakde, noNyana ovukileyo noMoya oyiNgcwele esiThenjiswe ngawo
akusikelele khonukuze ube yintsikelelo kwabanye ngoku nangonaphakade. **Amen**

IVEKI 5: UNGANYOLUKI

Kule veki, cela abantu beze nezinto ezingonakaliyo eziza kunikwa abo badingayo. Ziya kuhombisa isibingelelo.
Ngaphambi koMthendeleko khumbuza ibandla ukuba umntu ngamnye athathe isonka somthendeleko sibe sinye, siyalingana phambi kobuso bukaThixo. Babuze ukuba bangeva njani xa umntu omnye engathatha izonka zomthendeleko zibe lishumi baze abanye bangazifumani.

Abantwana: cela abantwana ukuba babelane ngamashwamshwam kunye nebandla emva kwenkonzo. Phonononga kunye nabo ukuba bekunjani ukwabelana nabanye.

Isivakalisi sokuvula: Abantu baqokelela imanna , bathi bakwenza umlinganiselo, abo baqokelela kakhulu babengenanto ishiyekileyo, abo baqokelela kancinane, ababinanto ishiyekileyo: baqokelela kangangoko babefuna. (Exodus 16:18}

Inguquko: masenze ingxelo yokunyoluka kwethu nokucingela iziqu zethu ngakubamelwane noMhlaba.

Amaculo : ngokomxholo wokwabelana,ukunikela nokukhathalelana.

Umthandazo walo mhla

Thixo onguNaphakade
uthwesa unyaka ngokulungileyo
usinika iziqhamo zomhlaba ngokwamaxesha onyaka:
senze ukuba sizisebenzisele uzuko lwakho,
sincede abo badingayo
nempilo yethu;
ngoYesu Krestu iNkosi yethu.
Amen

ISifundo soKuqala	Exodus 16: 13 – 21	UThixo ubonelela abantu okwaneleyo ngezagwityi ebusuku, ngemana ngentsasa. Kanti abanye baqokelela kakhulu bakugcinele usuku olulandelayo, kumoshakale.
INdumiso	Indumiso 104: 26 – 35	UThixo ubonelele zonke izidalwa ngokutya,
ISifundo seSibini	2 KwabaseKorinte 9: 6 – 15	Kufanelekile ukuba sabelane ngako esinako okuninzi esikuphiwe nguThixo ukwenzela ukuxhasa abo badingayo.
INgoma	Ingoma 4	INgoma ka Ezekiel – APB p 344
IVangeli	Luke 12: 13 – 21	Sifanele ukwenza ingxelo kuThixo ngako esinako. Impendulo yomntu ijongene nokuthi“ndim” okhulisileyo, “ndim” owenzileyo, “ndi” yakufumana ntoni apho. UThixo wathi, “sidenge ndini.”

INTSIKELELO

UThixo onguMdali ungumthombo wako konke okufunayo:
UKrestu uMsindisi ungumthombo weentsikelelo zakho zonke;
UMoya oyiNgcwele ochwayitisa ubungqina bakho;
Khokhela ngokukhalipha usebenzele ilizwe ngegama likaThixo;
Mayithi intsikelelo kaThixo uMdali,
uBawo onguNaphakade, noNyana ovukileyo noMoya oyiNgcwele esiThenjiswe ngawo ukusikelele khonukuze ube yintsikelelo kwabanye ngoku nangonaphakade. **Amen**

IZINTO EZINOKWENZIWA NGEXESHA LENDALO

1. *Utyalo lwemithi*

USeptember yinyanga yokutyala imithi, lixesha elihle lokutyala imithi ecaweni nasekhaya. Kutheni ungatyali umthi wobhaptizo noqiniso, iimini zokuzalwa nemitshato, ukukhumbula abo sibathandayo bangasekhyo. Tyala imithi yelizwe okanye imithi yeziqhamo enamanzi.

Umthandazo wokutyala umthi

Mdali wobomi mlondolozi wembewu nomhlaba, wemithi neentyantyambo, udale eli lizwe nezinto zonke ezihleli kulo. Siza kuwe ngalo mthandazo wokuzinikezela nentsikelelo , kuba wena ungumniki wobomi nomlondolozi wako konke okuphilayo. Wanga lo mthi unganeengcambu ezinzulu, ukhule amagqabi abanzi ungqina uthando lwakho olukhulu. Egameni loMdali, loMgcini no Yesu Krestu, Amen.

2. *Iinkonzo ezenzelwa kubuhle bendalo*:

Qhuba inkonzo ngaphandle kwindawo apho ubuhle beNdalo kaThixo bungabonwa bubhiyozelwe khona. Iinkonzo ezahlukeneyo zingaqhutyelwa kwiindawo ezahlukeneyo: iNkonzo eHlathini, iNkonzo eNtabeni njl.njl. ukuba kunzima ukuyilungiselela qhuba esi siqendu sokuqala ngaphandle uze uphinde ungene ngaphakathi ecaweni wenze imithandazo yombulelo yomthendeleko.

3. *Iphulo lokucoca*: cinga ngokwenza inkonzo yokucoca ugxininisa ekubeni kubuyiselwe kwakhona umhlaba omoshiweywo. Sebenzisa iingxowa ucoce indawo ekufutshane necawa.

4. *Uphicotho lobume bemeko yendawo*: yenza umlinganiselo wamanzi, umbane namaphepha asetyenziswa ecaweni. Cinga ngokutshintshela kumbane uzama ukonga iiibhalbhu. Zalisa ibhotile enomlinganiselo weelitha ezimbini ngamanzi uyibeke phezu kwetanki yendlu yangasese, uzama ukonga amanzi. Lungisa iitephu ezivuzayo.

5. *Ukulinywa kweegadi*: khuthaza amalungu ebandla ukuba atyale imifuno kwiigadi. Yenza inkonzo yokusikelela imbewu entlakohlaza, ucelele ezo gadi intsikelelo kaThixo. Xa imifuno sele iza kuvunwa yenza umsitho weziqhamo zokuqala ubulela kuThixo. Umhlaba ojikeleze isakhiwo secawa ungenziwa igadi nawo.

For more information contact the ACSA Environmental Network, Green Anglicans *info@greenanglicans.org*

Facebook Green Anglicans. Website www.greenanglicans.org